Isalathiso: 20201014-8799
Inombolo yefayili: 12/17/9
Imibuzo: T Cloete

INgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*Cape Teaching and Leadership Institute:* 0007/2020

Iya: KumaSekela Balawuli, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kuBasebenzi aBanika iNkxaso eYodwa kooTitshala nakuBafundi, kwiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga olawulo kwizikolo zikarhulumente

Isihloko: Ukubhiyozela iNyanga yeLayibrari yeSikolo yeHlabathi neNyanga yooTitshala kaZwelonke

1. Ngo-Oktobha 2020 iilayibrari zezikolo zaseMzantsi Afrika nakwilizwe jikelele zibhiyozele kwaye zakhuthaza iinkonzo zelayibrari nezengcaciso ezikolweni. U-Oktobha ebikwayinyanga apho bekuthathelwa ingqalelo yaye kubhiyozelwa indima emangalisayo edlalwa ngootitshala ekufundiseni nasekufundeni kwilizwe jikelele.

2. Ukubhiyozelwa kwezi ziganeko zibini zidlulileyo uMphathiswa weSebe leMfundo leNtshona Koloni uthathe isigqibo sokubandakanya zonke izikolo, ootitshala nabafundi beSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*). Abafundi baya kubanethuba lokuthathela ingqalelo okanye lokubulela ootitshala babo ngomsebenzi omangalisayo abawenzileyo ngexesha likabhubhane i-*Covid*-19 kwangaxeshanye, babenethuba lokuphumelela izibonelela zelayibrari zezikolo zabo.

3. I-*EDULIS*, ngentsebenziswano ne-Ofisi yoMphathiswa weSebe leMfundo, iya kubanako ukunika izikolo ezithandathu zeSebe i-*WCED* ithuba lokuphumelela izibonelelo zelayibrari yesikolo ezixabisa i-R120 000.

4. Kuya kwahlulwa izikolo ngolu hlobo lulandelayo:
   - Izikolo eziziisekondari ezintathu ziya kufumana i-R20 000 isikolo ngasinye ngokuphumelela ngemisebenzi engenisiweyo *(entries)* kwisiNgesi, kwisi-Afrikansi nakwisiXhosa, yaye
   - Izikolo eziziiprayimari ezintathu ziya kufumana i-R20 000 isikolo ngasinye ngokuphumelela ngemisebenzi engenisiweyo *(entries)* kwisiNgesi, kwisi-Afrikansi nakwisiXhosa.

5. Umxholo wokhuphiswano uthi "Utitshala wam oyiNgwane/oyi-Okthophasi (*My Octopus Teacher)*" (funda ipowusta eqhotyoshelweyo), ukuthathela ingqalelo iindima ezininzi ekufuneka zizalisekiswe ngootitshala bethu ekufundiseni abantwana bethu, nangaphezulu ngexesha likabhubhane i-*Covid*-19.

6. Ziyakhuthazwa zonke izikolo zeSebe i-*WCED* ukuba zingenele ukhuphiswano ngekhompyutha. Abafundi kuya kufuneka ukuba baphendule le mibuzo ilandelayo:
   - **Cacisa indima yootitshala bakho kuwe ngexesha likabhubhane i-*Covid*-19 nokuba bayinike njani inkxaso kuwe nakubafundi beklasi yakho.**
   - **Zeziphi iindima ezininzi abazidlalileyo ukukunika inkxaso?**
   - **Sinike izizathu ezixhasa ukuba iincwadi/izibonelelo ii-*e-resources* zinganceda njani na ukwenza umsebenzi wootitshala ubelula noko.**

7. Ootitshala kuya kufuneka baqokelele yaye bazidibanise iileta kunye/okanye iinkcazo-ntetho yaye bathumele umsebenzi wokungenela ukhuphiswano omnye wesikolo ngasinye apha alison.mentor@westerncape.gov.za.

8. Umhla wokuvalwa wokhuphiswano ngu-**Lwesibini, we-15 Disemba 2020** yaye abaphumeleleyo baya kukwaziswa ngefoni okanye nge-imeyili.

9. Izikolo eziphumeleleyo ziya kupapashwa, kwaye ukunikezelwa kwamabhaso kuya kwenziwa ngomhla obekwe liSebe i-*WCED*.

10. Malunga nemibuzo engokhuphiswano nangemimiselo nemiqathango, kucelwa niqhagamshelwane noTimothy Cloete apha: timothy.cloete@westerncape.gov.za.

11. Malunga neenkonzo zelayibrari yesikolo kungaqhagamshelwana nala magosa ezithili zeSebe i-*WCED* alandelayo:

Janine Ontong	UMcebisi ngeeNkonzo zeLayibrari yeSikolo, ISithili i-*Cape Winelands*	Ifoni 023 348 4657
Lorné Erasmus	IGosa leeNkonzo zeLayibrari yeSikolo, ISithili i-*Overberg*	Ifoni 028 214 7386
Tirzah Arendse	IGosa leeNkonzo zeLayibrari yeSikolo, ISithili i-*Eden* ne-*Central Karoo*	Ifoni 044 803 8377
Vernon Koen	IGosa leeNkonzo zeLayibrari yeSikolo, ISithili i-*Metro East*	Ifoni 021 900 7049
Sinetemba Mdunyelwa	IGosa leeNkonzo zeLayibrari yeSikolo, ISithili i-*West Coast*	Ifoni 021 860 1200

12. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2020-11-17